

NAL'IBALI

LIXESHA LOKUBALISA IBALI!

Ukwabelana ngamabali kuyindalo ebantwini njengokutya nokulala! Amanye amabali esiwabalisayo namhlanje adluliselwe kwizizukulwana ngezizukulwana, logama amanye ematsha siwadala ngokwethu.

IT'S STORYTELLING TIME!

Sharing stories is as natural to human beings as eating and sleeping! Some of the stories we tell today have been passed down from generation to generation, while others are new ones that we create ourselves.




Ukubaluleka kokubalisa amabali

- ★ Ukubalisa amabali kuvuselela imifanekiso ngqondweni kubantwana nokusebenzisa kwabo ulwimi.
- ★ Amabali anokubadibanisa nobomi babantu abangazange babazi, abavela kudala nankwiindawo ezikude.
- ★ Ukubalisa amabali ngobuntwana bakho kunceda abantwana bakho ukukudibanisa nawe.
- ★ Ukubalisa amabali kungafundisa abantwana izifundo zobomi kuze kubancede bacinge ngothando, umona, ububele, amandla, ubuhle nobubi.

The benefits of storytelling

- ★ Storytelling stimulates children's imagination and their use of language.
- ★ Stories can connect them to the lives of people they've never known, who come from long ago and faraway places.
- ★ Telling stories about your childhood helps your children to connect with you.
- ★ Storytelling can teach children life lessons and help them think about love, jealousy, kindness, power, good and evil.



Iintsuku zokubhiyozelwa kweyokwindla Days to celebrate in March

1	USuku lokuNgabikho koCalucalulo Zero Discrimination Day
3	USuku lweeNdlebe nokuNgeva kakuhle Ear and Hearing Loss Day
3	USuku lweHlabathi lweZilwanyana zaseNdle World Wildlife Day
6	USuku lweHlabathi lweeNcwadi World Book Day
8	USuku lweHlabathi lwabaseTyhini International Women's Day
16-20	IVeki yeThala leeNcwadi Library Week
20	Iekhwinoksi yaseKwindla Autumn equinox
20	USuku lweHlabathi lokoNwaba International Day of Happiness
21	USuku lwamaLungelo aBantu Human Rights Day
21	USuku lweHlabathi lwemiHob World Poetry Day
22	USuku lweHlabathi lwaManzi World Water Day

Babandakanye abantwana bakho ekubaliseni amabali

Phambi kokubalisa ibali:

- Cula ingoma okanye wenze isicengcelezo esinxulumene nebali okanye omnye wabadlali.
- Buza abantwana bakho ukuba banawo na amanye amabali abawaziyo afana nebali oza kulibalisa. Umzekelo, "Ingaba ninamabali eniwaziyo angabantwana abalahlekayo/ izigebenga?"

Ngelixa ubalisa ibali:

- Babuze, "Nicinga ukuba kuza kwenzeka ntoni okulandelayo?"
- Bakhuthaze ukuba benze izandi (umzekelo, benze ingxolo yomoya) okanye intshukumo yomzimba (umzekelo, ukwenza ngathi baqubha bewela umlambo) ukulinganisa iziqendwana zebali.

Include your children in storytelling

Before telling a story:

- Sing a song or say a rhyme linked to the story or one of its characters.
- Ask your children if they know any other stories that are similar to the story you are about to tell. For example, "Do you know any stories about children getting lost/giants?"

While telling the story:

- Ask them, "What do you think will happen next?"
- Encourage them to act out parts of the story by making sound effects (for example, making the noise of the wind) or body movements (for example, pretending to swim across a river).

Yenza nzulu unxibelelwano namabali

Emva kokubalisa ibali:

- Bancedise bacinge ngeemvakalelo zabo nezimvo zebali. Umzekelo, yithi, "Xa ndibalisa eli bali, lindikhumbuzo ngendlela ababaluleke ngayo abahlobo abalungileyo. Likukhumbuzo ngantoni?"
- Thethani ngokuba kutheni abalinganiswa bethetha okanye besenza izinto ngeendlela ezithile ebalini kanti nangezinye iindlela umlinganiswa ebenokukhetha ukuziphatha ngayo.

Deepen connections with stories

After telling the story:

- Help them think about their feelings and opinions of the story. For example, say, "When I tell this story, it reminds me of how important good friends are. What does it remind you of?"
- Talk about why characters say or do things in particular ways in the story and about what other ways the character could choose to behave.



Drive your
imagination



IT STARTS WITH
A STORY.
KONKE KUQALA
NGBALI.

Imbewu yokuFunda nokuBhala! Literacy Seeds!

Ulonwabo nemidlalo ngoonotsheluzi!

Bazali nabagcini babantwana abancinane esibathandayo, siyazi ukuba abantwana bafunda ngokulula ngakumbi xa loo nto bayifundayo inomdla yaye nemisebenzi abayenzayo ibonwabisa.

Oonotsheluzi yindlela eyonwabisa yokwazisa abantwana bakho ngemibala, izilwanyana, iziqhamo, iimpahla okanye nawuphi na umxholo ofanelene nobudala babo. Oonotsheluzi ngokunjalo ababizi kakhulu yaye kulula ukubenza.

Fun and games with flashcards!

Dear parents and caregivers of young children, we know that children learn more easily when what they are learning is interesting and the activities they do are enjoyable.

Flashcards are a fun way to introduce your children to the names of colours, animals, fruit, clothing items or any other theme that is suitable for their age. Flashcards are also cheap and easy to make.

YENZA AMAKHADI EZILWANYANA

1. Ncamathisela iphepha 3 kwiphepha elimhlophe elingasasetyenziswayo.
2. Umfanekiso ngamnye wesilwanyana unegama lawo ngeelwimi ezimbini ecaleni kwawo.
3. Sika umfanekiso wesilwanyana ngasinye namagama aso.
4. Songa iseti nganye ukuze amagama abe ngasemva komfanekiso.
5. Ncamathisela umva womfanekiso ngasemva kwamagama.

Ngoku uneseti yamagama okudlala. Beka amakhadi nemiyalelo yokudlalwa kwemidlalo kwindawo ekhuselekileyo ukuze ube nakho ukudlala imidlalo nabantwana bakho nanini na ufuna.

Kwiphepha 13 loHlelo 192 kukho imifanekiso yezilwanyana zasefama onokuyisebenzisa ukwenza enye iseti yamakhadi. Zenzele awakho amakhadi ngemifanekiso esikwe kwiimagazini okanye ngemizobo yezinto ezahlukeneyo.

MAKE ANIMAL CARDS

1. Paste page 3 on scrap paper.
2. Each picture of an animal has its name in two languages next to it.
3. Cut out each animal picture and its names.
4. Fold each set so that the names are behind the picture.
5. Paste the back of the picture to the back of the names.

You now have a set of playing cards. Put the cards and instructions for the games in a safe place so that you can play the games with your children whenever you want to.

On page 13 of Edition 192 there are pictures of farm animals that you could use to make another set of cards. Make your own cards with pictures cut out of magazines or with drawings of different objects.

Eminye imidlalo enokudlalwa

- Abantwana bakho mababambe amakhadi, baqwalasele imifanekiso, baze baziqhelanise nokubiza amagama obabizela wona.
- Thatha ikhadi libe linye ngexesha uze uthethe nomntwana wakho ngeso silwanyana. Buza: *Yintoni igama laso ngolwimi lwakho nangolunye ulwimi? Sithini xa sikhala? Sihlala phi? Sitya ntoni? Ngaba likho ibali ongalibalisa ngesi silwanyana?*
- Xa uqinisekile ukuba umntwana wakho uzazi zonke izilwanyana, dlalani le midlalo.
 - Umdlalo wokuqashisa:** Khetha ikhadi libe linye kodwa ungambonisi umntwana wakho umfanekiso okulo. Yithi: *Ndicinga ngesilwanyana ... Mchazele izinto ezingamenza asazi esi silwanyana, uze uvumele umntwana wakho aqashise ngegama lesi silwanyana othetha ngaso. Umzekelo: Sisilwanyana esikhulu kakhulu esisela amanzi ngomboko waso (indlovu).*

Another game to play

- Let your children hold the cards, look carefully at the pictures, and practise repeating the words that you say to them.
- Take one card at a time and talk to your child about the animal. Ask: *What is this animal's name in your home language and in another language? What sound does it make? Where does it live? What does it eat? Can you tell a story about this animal?*
- When you are confident that your child knows each animal, you can play this game:
 - Guessing game:** Choose one card but don't show your child the picture. Say: *I am thinking of an animal ...* Give clues about the animal, and let your child guess the name of the animal you are talking about. For example: *This is a very big animal that drinks water with its trunk (an elephant).*

Ukufunda kumelwe ukuba konwabise yaye kwanelise! Ukuba abantwana bakho abawakhumbuli amagama neenkukacha zezilwanyana okanye abanamdla emdlaweni, wabeke amakhadi uze uzame kwakhona ngelinye ixesha.

Learning should be enjoyable and satisfying! If your children don't remember the animal names and details or are not interested in the game, put the cards away and try again at a different time.



Drive your
imagination



Indlulamthi
Giraffe



Inciniba
Ostrich



Ihlosi
Leopard



Ingwenya
Crocodile




Iqwarhashe
Zebra




Umkhombe
Rhinoceros




Ingcuka
Hyena



Imvubu
Hippopotamus



Indlovu
Elephant



Ingonyama
Lion



Ibhadi
Springbok



Inyathi yamanzi
Water buffalo



Umhla wesi-8 kweyoKwindla luSuku lweHlabathi lwabaseTyhini

Yenza ikholaji ukubhiyozela owasetyhini okhethekileyo ebomini bakho!

(Ikhola ngumsebenzi wobugcisa owenziwa ngokuncamathisela iintlobo ezahlukeneyo zezinto, ezifana nemifanekiso, iziqwengana zamaphepha okanye amalaphu nezinto ezincinane zokuhombisa ezifana namaso, kwikhadibhodi okanye kwiphepha elingqindilili).

8 March is International Women's Day

Make a collage to celebrate a special woman in your life!

(A collage is a piece of art made by pasting different types of materials, such as pictures, pieces of paper or fabric and small decorative items, like beads, onto cardboard or thick paper.)

1. Cinga ngomama omnye omthanda kakhulu ebomini bakho.

2. Ngoku cinga ngamagama amaninzi kangangoko achaza lo mama. Umzekelo, wonwabile, unobubele, uyanga, uthanda amabali yaye uyimvumi.


3. Bhala uluhlu lwezinto ozinxulumanisa naloo mama. Umzekelo, umbala omthubi, amacici amakhulu, ikeyiki yetshokholethi, imoto ayiqhubayo, okanye umsebenzi awenzayo.

4. Fumana, sika uze uqokelele:

- ★ amagama okanye oonobumba ukwenza amagama kuluhlu lwakho ku-2.
- ★ imifanekiso yezinto kuluhlu lwakho ku-3
- ★ iziqwengana namalaphu ayimibalabala, izinto ezimenzelayo, amaso, iintyatyambo zelaphu namaqhosha.
- ★ uxwebhu olukhulu lwekhadibhodi, iglu, isikere neepensile eziyimibalabala, iikoki neekhrayoni.

5. Zoba umama ofuna ukumbhiyozela.

6. Cwangcisa uze uncamathisele izinto oziqokeleleyo ukwenza ikholaji yomama wakho okhethekileyo!



1. Think of one of the favourite women in your life.

2. Now think of as many words as you can that describe that woman. For example, happy, kind, hugs, loves stories and singer.

3. Write a list of things that you associate with that woman. For example, the colour orange, big earrings, chocolate cake, the car she drives or the work she does.

4. Find, cut out and collect:


- ★ words or letters to make up the words in your list at 2.
- ★ pictures of the things in your list at 3.
- ★ pieces of colourful fabric, glitter, beads, fabric flowers and buttons.
- ★ a big piece of cardboard, glue, a pair of scissors and coloured pencils, kokis or crayons.

5. Draw the woman that you want to celebrate.

6. Arrange and paste the things you have collected to make a collage of your special woman!

Yandisa ithala lakho leencwadi. Zenzele iincwadi EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, 8, 9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Grow your own library. Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.

Ezi zilwanyana zine zabalaka zaya kuNgonyama. Zamxela ibali lerhamncwa. "Singinge umvundla, udyakalashhe, ihlosi nemvubu, zachaza, zonke zithetha ngaxeshanye. "Singinge nedlelo lonke," wongeza uMvundla. "Ibe zilwanyana ezisesiswini salo bezifuna ukusihlasela!" watsho uMvubu. UNgonyama wayengazange ayive into enjalo. Ngoko nangoko wayalela uMvundla, uDyakalashhe, uHlosi noMvubu ukuba bamlandele kufutshane njengoko babekhawuleza besiya kuhlasela irhamncwa.

The four animals ran to find Lion. They told Lion the story of the monster. "It swallowed a rabbit, a jackal, a leopard and a hippo," they explained, all talking at the same time. "It also swallowed the veld," added Rabbit. "And the animals in its stomach wanted to attack us!" said Hippo. Lion had never heard of such a thing. He immediately ordered Rabbit, Jackal, Leopard and Hippo to follow closely behind and together they rushed off to attack the monster.



Rabbit had never seen a mirror before. So when she found a mirror in the veld and saw herself reflected in it, she thought a strange animal had swallowed her and the bushveld. She ran to warn the other animals, but it swallowed every animal that came to see it.

This story was specially created for Nalibali to spark children's potential through storytelling and reading for enjoyment.



Umvundla wawungazange usibone isipili ngaphambili. Ngoko wathi wakufumana isipili endle waza wazibona kuso, wacinga ukuba kukho isilwanyana esingaqhelekanga esizama ukutya wona nehlati. Wabaleka waya kulumkisa ezinye izilwanyana, kodwa saginya zonke izilwanyana ezazize kusibona. Eli bali libhalwe ngokukhethekileyo ukuze uNalibali ancede abantwana bafikelele kuloo nto banokuba yiyo ngokubalisa amabali nangokufundela ukuzonwabisa.

Get story active!

- ★ Can you draw a picture of your own face? When you have finished your drawing, hold your drawing next to your face while you look in the mirror. Does your drawing look like you?
- ★ Think about this: Why do you think the monkey knew what the mirror was?
- ★ You and a partner can role-play being mirror images of each other. When you do something, your partner should mirror the action. So when you move your right arm, your partner should move their left arm in the same way to create a mirror image.

Yenza ibali linike umdla!

- ★ Ungakwazi ukuzoba umfanekiso wobuso bakho? Xa sele uwugqibile umfanekiso, bamba umzobo wakho kufutshane nobuso bakho logama uzijonge esipilini. Ingaba umzobo wakho ukhangeleka njengawe?
- ★ Cinga ngale nto: Kutheni ucinga ukuba inkawu yayisazi ukuba yintoni isipili?
- ★ Wena neqabane lakho dlalani ukuba ngumfanekiso wesipili omnye komnye. Xa usenza into, iqabane lakho malibonise intshukumo. Ngoko ke xa ushukumisa ingalo yakho yasekunene, iqabane lakho malishukumise ingalo yalo yasekhohlo ukudala umfanekiso wesipili.

Nalibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org.



UNalibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org.



Drive your
imagination

Zathi zakusondela ezi zilwanyana kwindawo esasikuyo isipili, uMvundla noDyakalashhe bema ngasemva. Babesoyika ukuba isilwanyana esingaqhelekanga sasiza kubaginya. Kodwa uHlosi noMvubu babaleka ngesibindi ukuya kuhlasela eli rhamncwa. Xa babona enye imvubu nehlosi zibalaka zisiza kubo, bothuka baza babaleka bekhwaza. "Irhamncwa! Irhamncwa!"

When the animals got close to where the mirror was, Rabbit and Jackal stood back. They were afraid that the monster would swallow them. But Leopard and Hippo bravely ran forward to attack the monster. When they saw another hippo and leopard running towards them, they got such a fright that they ran away screaming, "A monster! A monster!"

The mirror in the bushveld



Isipili ematyholweni

Melody Ngomane • Maria Lebedeva

Ideas to talk about: Look at the cover picture of the story. What do you notice about the rabbit compared to its reflection in the mirror? What do you think this story is about?

Izinto eninokuthetha ngazo: Jonga umfanekiso okuqweqwe lwebali. Uqaphela ntoni ngomvundla xa uwuthelekisa nomfanekiso wawo esipilini? Ucinga ukuba lingantoni eli bali?

“Mvubu, nceda uze kusinceda. Irhamncwa liginge idlelo nezilwanyana ezithathu ezifana nathi!” watsho uDyakalashe ethetha ngokukhawulezisa kangangoko wayenokwenza.

UMvubu akazange abahoye kakhulu waqhubeka esonwabela ukubhala kuba wayacinga ukuba zilwanyana zazizama ukumkhohisa. Kodwa wathi akubona indlela ezazisoyika ngayo waphuma emanzi!

Emva koko uMvubu, uHlosi, uDyakalashe noMvundla bakhawuleza ukuya kwindawo apho sasikhona isipili.




On their way, the animals came across Monkey who looked as if he was searching for something. He jumped in front of Lion.

“Oh, Lion, I am so glad to see you,” Monkey said. “Please help me find my mirror. Someone has stolen it.”

“Out of our way, Monkey. We have something more important to do. We are going to attack the monster that swallowed the veld and the animals,” said Lion impatiently.



It was a hot day in the African bushveld, so Rabbit decided to hop down to the river for a drink of water. She was hopping along a dusty path when she saw something flashing in the sunlight. What could it be?





Yayilusuku olushushu kumadobo aseAfrika xa uMvundla wagqiba kwelokuba aye emlanjeni ukuyokusela amanzi. Wayeqakatha ebushushwini kwindlela enothuli xa wabona kusithi menye into elangeni. Inoba yayiyintoni?



Wazithengisa ngexabiso eliphantsi iivatata zakhe.
Izilwanyana ezininzi zazithenga kuMpungutye
Qhinga.


He sold his watermelons for a cheap price.
Many animals bought from Foxy Joxy.



Emva koko walizalisa ngamanzi iqokobhe!
Wathatha inalti nomsondo wayithunga
wayidibanisa ivatata.

Then he filled it with water! He took
a needle and thread and sewed the
watermelon back together.

Lots more free books at bookdash.org



Get story active!

- ★ Draw pictures of the animals playing rugby with the watermelon when Foxy Joxy was stuffed inside it. You can add the text from that part of the story to your pictures.
- ★ Do you think the other animals' idea to teach Foxy Joxy a lesson was a clever one? What else do you think they could have done to teach Foxy Joxy not to cheat?
- ★ Write a letter to Foxy Joxy. Explain to him why he should behave better towards the other animals, and give him some ideas for doing so.



Yenza ibali linike umdla!

- ★ Zoba imifanekiso yezilwanyana zidlala ibhola ekhatywayo ngevatala xa uMpungutye Qhinga wayehlolwe ngaphakathi kuyo. Unokongeza isicatshulwa esisuka kuloo ndawo yebali kwimifanekiso yakho.
- ★ Ingaba ucinga ukuba ingcamango yezinye izilwanyana ukufundisa uMpungutye Qhinga isifundo yayihlakaniphile? Yeyiphi enye into ocinga ukuba ngebabeyenzile ukufundisa uMpungutye Qhinga ukuba angenzi amaqhinga?
- ★ Bhalela uMpungutye Qhinga incwadi. Mchazele ukuba kutheni kufuneka eziphethe ngcono kwezinye izilwanyana, uze umnike iingcebiso zokwenza oko.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org.



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org.



Drive your
imagination

Foxy Joxy plays a trick



UMpungutye Qhinga wenza amaqhinga

Mdu Ntuli • Nahida Esmail
• Samantha Rice


Ideas to talk about: What does it mean to play a trick on someone? Have you ever played a trick on someone? What did you do? Has someone ever played a trick on you? How did it make you feel?

Izinto eninokuthetha ngazo: Kuthetha ukuthini ukuqhatha umntu? Wakha waqhatha umntu? Wenza ntoni? Ingaba ukhona umntu owakha wakuqhatha? Yakwenza waziva njani loo nto?



“Le vatala inamanzi kuphela ngaphakathi,
wakhala uNkawu Jingi.”

“This watermelon has only water in it,
complained Funky Monkey.”




Foxy Joxy was a sly fox. He
sold big, fresh watermelons.

UMpungutye Qhinga
wayeyimpungutye
enamaqhinga. Wayethengisa
iivatala ezinkulu, ezintsha.


UMpungutye Qhinga waba nesiyenzi!
Wafunda isifundo futhi zange aphinde enze
maqhinga kwakhona.




“Well, you got what you paid for,” said Foxy Joxy.
 “Kaloku, ufumene into oyihlawuleyo,”
 warsho uMpungutye Qhinga.



Foxy Joxy was dizzy!
 He learnt his lesson and never cheated again.



He slit open a big watermelon, scooped
 out the fruit, and gobbled it up.
 Wayisika wayiqhekeza phakathi!
 Ivatala enkulu, waguphula isiqhamo
 esingaphakathi, wasibimbiliza.



WATERMELONS FOR SALE!
 KUTHENGISWA IIVATALA SONDELA!






Foxy Joxy had a clever idea.
UMpungutye Qhinga waba noluvo olukrelekrele.

“Kufuneka simfundise isifundo uMpungutye Qhinga,” watsho uNdlu Ndlovu.
Izilwanyana zadibana zeza ncebo.
“Ndincedo,” watsho uMehlomakhulu Sikhova.




“We need to teach Foxy Joxy a lesson,” said Ellie Elephant.
The animals gathered around and came up with a plan.
“I have an idea,” said Oliver Owl.



“Your price is too high,” said Rabbit Jabbit.
“You are asking too much,” said Gia Giraffe.

“Ixabiso lakho liphezulu kakhulu,” watsho uMvundla Vundla. “Ubiza kakhulu gqitha,” watsho uNdlula Ndlulamthi.

They took an empty watermelon, stuffed Foxy Joxy into it and played a game of rugby with it.



Zathatha ivatala engenanto, zahlohla uMpungutye Qhinga kuyo zaze zadlala ibhola ekhatywayo ngayo.

Endleni, ezi zilwanyana zadibana noNkawu, owayebonakala ngathi kukho into ayikhangelayo. Watsibela phambi koNgonyama.
 “Kwomu Ngonyama andisavuyi nje ukubona,” watsho uNkawu. “Ndincede ndifumane isipili sam. Kukho umntu osibileyo.”
 “Khawushenxe, Nkawu. Sinento ebalulekileyo ekufuneka sizenze. Singxamele ukuya kuhlasela irhamncwa elingine izilwanyana nedlelo,” watsho uNgonyama engasenamonde.

“This is a mirror, not a monster,” explained Monkey holding up his mirror. “You look at yourself in it. See, that’s me in the mirror.”

When the animals heard this, they all started laughing. And then they took turns admiring themselves in the mirror!

“Sisipili esi, ayilorhamncwa.” Wacacisa uNkawu ephakamise isipili sakhe. “Uzibuka kuso. Jongani, ndim lo usesipilini,”

Zathi zakuva oku izilwanyana, zonke zaqalisa ukuhleka. Ibe zatshintshisana zizibuka kweso sipili.

Jackal and Leopard followed Rabbit to where the monster was.
 Slowly they crept up to the mirror. When they got close, they saw three animals looking at them. The animals inside the monster’s stomach looked just like them! They screamed in fright and ran down to the river to call Hippo.
 “Hippo, please come and help us. A monster has swallowed the veld and three animals just like us!” said Jackal, talking as fast as possible.
 Hippo didn’t pay much attention to them and continued to enjoy her swim. She thought the three animals were trying to trick her. But when she saw how terrified they were, she got out of the water.
 Then Hippo, Leopard, Jackal and Rabbit rushed to the place where the mirror was.
 Udakalasho noHlosi balandela uMvundla ukuya kubona apho irhamncwa likhoyo.
 Ngokucotha, bachwechwa bayga esipilini. Bathi bakusondela, babona izilwanyana ezithathu zibaJongile. Izilwanyana ezisesiswini serhamncwa zazifana twatse naboi
 Basitsho isikhalo besoyika baza babaleka ukuya emlanjeni beyokubiza uMvubu.

Rabbit had never seen a mirror before so she thought that it was a strange animal. She cautiously hopped closer. To her surprise, she saw the veld inside it and there was also a little white rabbit staring back at her. “That rabbit looks just like me!” Rabbit whispered, her voice trembling with fear.

Then she ran as fast as she could to find help. “Help! Somebody please help me!” she cried.



UMvundla wayengazange akhe asibone isipili ngaphambili ngoko ke wacinga ukuba sisilwanyana esingaqhelekanga eso. Waqakatha ngobunono esondela. Wamangaliswa kukubona ihlathi lingaphakathi kwaso ibe kukho umvundlana omhlophe umjongile. “Laa mvundla ufana nam!” wasebeza watsho uMvundla ilizwi lakhe lingangcazela kukoyika.

Emva koko wabaleka kangangoko wayenako ukuya kufuna uncedo. “Ncedani! Khanindincedeni!” wakhwaza esitsho.

“Irhamnawa? Phi?” wabuza uDyakalashe, ezamla.
 “Phaya endleleni eya emlanjeni. Liginje lonke idlelo
 nomvundlana omhlophe ofana nam,” watsho uMvundla egixa.
 “Ukuba irhamnawa lilinginje idlelo, kutheni le nto silapha
 singekho ngaphakathi kwerhamnawa?” wabuza uDyakalashe.
 UMvundla zange akwazi ukwuphendula lo mbuzo. Ngoko ke,
 uMvundla noDyakalashe bahamba bagqiba kwelekuza baqo
 kuqela uHlosi abakhapha baqo kubona eli rhamnawa.

“A monster? Where?” asked Jackal, yawning.
 “It’s on the path on the way to the river. It has
 swallowed the veld and a little white rabbit like me,”
 sobbed Rabbit.
 “If the monster has swallowed the veld, why are we here
 and not inside the monster?” asked Jackal.
 Rabbit could not answer this question. So, Rabbit and
 Jackal decided to ask Leopard to go with them to see
 the monster.

Jackal was resting in the shade of a big tree after
 hunting. He pretended not to hear Rabbit and hoped
 that another animals would help her. He felt too tired to
 help. But Rabbit ran straight to him.

“Jackal, help! A monster, a monster!” cried Rabbit.

UDyakalashe wayephumle emthunzini womthi omkhulu emva
 kokuzingela. Wazenza ngathi akamvanga uMvundla waza
 wanethemba lokuba esinye isilwanyana siza kumnceda. Yena
 wayeziva edinwe eyimfe engenakukwazi ukunceda. Kodwa
 uMvundla weza ngqo kuye.

“Dyakalashe nceda! Irhamnawa, irhamnawa!” wakhwaza uMvundla.



UNkawu washenxa endleleni kodwa wagqiba ekubeni
 alandele izilwanyana kubwa wayefuna ukubona injani
 eli rhamnawa.
 Zathi zokusondela izilwanyana apho sasikhona isipili,
 uNgonyama, uMvubu, uDyakalashe noHlosi bafunza kuso
 isipili. Kodwa bathi bakubona iqela lezilwanyana ezinomindo
 zibaleka zisiza kubu, bonke bathi saq bazifihla kwingca ende.



Monkey moved out of the way but decided to
 follow the animals because he was curious and
 wanted to see what the monster looked like.
 When the animals got close to where the mirror
 was, Lion, Hippo, Jackal and Leopard charged
 the mirror. But when they saw a group of angry
 animals charging toward them, they all scattered
 and hid in the long grass.

When Monkey realised that the animals were
 terrified of his mirror, he burst out laughing. He ran
 to the mirror, smiled at his reflection and said, “I
 have been looking for you all day, my mirror.”

When the other animals saw how friendly the
 monster was to Monkey, they crept out of their
 hiding places.

Uthe uNkawu akubona ukuba izilwanyana
 zazisoyika isipili sakhe, waphela yintsini.
 Wabaleka waya kuso, wazijonga kuso
 encumile wathi, “Bendikukhangela imini yonke,
 sipili sam.”

Zathi ezinye izilwanyana zakubona indlela
 irhamnawa elalinobuhlobo ngayo kuNkawu,
 zachwechwa zaphuma kwiindawo ezazizimele kuzo.



Izinto ezili-11 esithanda ukuziva!

Tlotla leinaane!

Eba mahlahlaha ka pale!

Nkanegele kanegelo!

Ngicocela indatjana!

Ngixoxele indaba!

Ndzi runguleli ntsheketo!

Coca indzaba!

Vertel vir my 'n storie!

Mmbudzeni tshitori!

Ndibalisele ibali!

Tell me a story!

11 things we love to hear!





Ibhovu lengonyama

NguNatasha Simon ■ Imizobo nguVian Oelofsen



UThabo wakhulela efama nonina, uyise, abafowabo noodadewabo. Wonke umntu wayencedisa kumsebenzi wasefama, kodwa inyaniso yayiyeyokuba uThabo wayengawuthandi. Wayengakwazi ukunyamezela ukwenza umsebenzi onzima wasefama egqatswa lilanga yonke imihla.

Utata kaThabo, kwelinye icala, wayekonwabela ukusebenza nzima waye eyithanda ifama. Wayengakwazi ukuwuqonda umoya kaThabo wovukelo. Ngenye imini, emva kwengxoxo eshushu phakathi koyise nonyana, uThabo wathatha okuncinci awayenako waza wayishiya ifama ukulandela amaphupha akhe esixekweni.



Yadlula iminyaka emininzi waza uThabo waqala ukuva ulangazelelo olukhulu losapho lwakhe, ngakumbi utata wakhe. Wazisola ngendlela awayeyishiye ngayo ifama waza walangazelela ukwenza uxolo nabantu abathandayo. Kodwa uloyiko lokujonganga noyise lwamenza waphelelwa ngamandla.

Nangona uThabo wazama kangangoko ukukhangela icebo ngendlela anokulungisa ngayo ubudlelwane noyise, akukho nanye yeengcamango awazivayo eyamnika ukuzithemba ukubuyela efama ukuyojongana naye.

Ngenye imini, umhlobo kaThabo wathi, "Ukhe weva ngendoda esisilumko ehlala eflethini umgama oyikhilomitha ukusuka kumbindi wesixeko? Kuyabonakala ukuba inolwazi olukhethekileyo namandla obuqili."

"Enkosi!" watsho uThabo. "Mhlawumbi angandicebisa ngendlela endinokuthi ndizuze kwakhona ukuthandwa ngutata."

Ngosuku olulandelayo, uThabo watyelela indoda esisilumko. Wayiphalaza imbilini yakhe, esabelana nayo ngokuzisola kwakhe, nangomnqweno wakhe onyanisekileyo wokuxolelana noyise.

Indoda esisilumko yalimamela ngenyameko ibali likaThabo yaza yathi, "Ukulungisa into engalungisekiyo, kufuneka uqalise kuhambo lokufuna okungaqhelekanga. Akuzi kuba lula, kodwa ikhona indlela yokuphumelela. Umsebenzi wakho kukundiphathela ibhovu elincothulwe kwisilevu sengonyama ngesandla sakho. Kufuneka ukwenze oku ingonyama ihleli. Ayikho enye indlela."

Intliziyo kaThabo yaba buhlungu xa ecinga ngento ekwakufuneka ayenze. "Kufuneka ndincothule ibhovu kwisilevu sengonyama ngelixa ihleli!" Wakhalela kumhlobo wakhe uThabo. "Umsebenzi ubonakala ungenakwenzeka!"

"Ungawenza!" wamqinisekisa umhlobo wakhe.

Nangona ingcinga yomsebenzi yamzalisa ngoloyiko uThabo, ulangazelelo lwakhe lokwenza uxolo noyise lwavutha ngakumbi kunoloyiko lwakhe. Ngoko ke, kwakusasa ngenye intsasa, uThabo wathatha uhambo lwakhe.


Wasishiya isixeko waza wafumana indawo yokuhlala kwilali encinci kumda wendawo yolondolozo lwendalo. Ukusuka apho wakhangele inkunzi yengonyama eyodwa. Ekugqibeleni, wafumana umqolomba waza wabona ingonyama ngaphakathi kuwo.

Kwalandela umsebenzi wokuba ingonyama imthembe. Ngosuku ngalunye, ngelixa egcina umgama okhuselekileyo, uThabo wayesebeza amazwi apholileyo emoyeni. Wabukela wafunda imikhwa yengonyama, izinto ezithandayo nengazithandiyo namaxesha apho yayibonakala ikhululekile.

Emva koko uThabo weza necebo. Yonke imihla wayephatha isihlunu senyama esandula kuxhelwa isongelwe kakuhle. Wayethi akuyibona ingonyama, uThabo abeke inyama elityeni, aqinisekise ukuba ingonyama iyabona ukuba isipho sasivela kuye.

Ekugqibeleni, ingonyama yayiphendula ngokugquma okoyikekayo okwakuhlokoma kuyo yonke loo ntlango. Noko kunjalo, uThabo wancekelela, ebuyelela usuku nokusku nenyama namazwi apholileyo.

Ekugqibeleni, imigqumo yengonyama yaya izola ngokuzola. Kananjalo yamvumela uThabo ukuba aye esondela ngokusondela ngokokude uThabo ayibeke inyama kwindawo efikelela imihlathi eyomeleleyo yengonyama. Ekugqibeleni, ngezandla ezingcangazelayo, uThabo wancothula ngocoselelo ibhovu esilevini sengonyama.



Elibambe waliqinisa nkqi ibhovu lengonyama, uThabo wabuyela kwindoda esisilumko. Ngokuzithoba okukhulu nemibulelo uThabo walinikezela ibhovu elinqabileyo. Wahlala wangqiyama elinde indoda esisilumko ukuba iqalise ukwenza isiko ngebhovu. Endaweni yoko, indoda esisilumko yaliphosa ibhovu emlilweni oqhuhumbayo ingakhange yenze zwi!

UThabo wothuka ebhidekile. "Uyenzele ntoni loo nto?" Wakhamisa. "Ndibeke ubomi bam emngciphekweni ngelo bhovu!"

Indoda esisilumko yamjonga ngokuzolileyo yaza yaphendula, "Ndixelele, Thabo, kulula ukuthomalalisa intliziyo yengonyama kunaleyo kayihlo oyintanda? Ingaba uyihlo akafuni kuthandwa ngunyana wakhe ngaphezu kokuba ingonyama ifuna inyama?"

UThabo wabuva entliziyo yakhe ubunyaniso bamazwi endoda esisilumko waza wayibulela ngoncedo lwayo. Njengoko uThabo wayehamba, wayesazi ukuba iza kuba ngumsebenzi onzima ukulungisa ubudlelwane noyise, kodwa kwakuba konke kufanelekile. Waqonda ukuba ngokuya lihamba ixesha, ngokuzimisela nangentliziyo ethobekileyo wayeza kuphumelela.

Yenza ibali linike umdla!

- Zoba umfanekiso wengonyama. Fakela imibala kumfanekiso uze uwubeke apho usapho lwakho luza kuwubona khona.
- Ucinga ukuba kokuphi okubhetele, ubomi efama okanye ubomi esixekweni? Yenza uluhlu lwezinto ezintlanu ezilungileyo ngobomi basefama nezinto ezintlanu ezilungileyo ngobomi basesixekweni.

- Ucinga ukuba uThabo angathini kutata wakhe? Bhala ileta evela kuThabo isiya kutata wakhe emva kwamava akhe nengonyama.



The lion's whisker

By Natasha Simon ■ Illustrations by Vian Oelofsen

Story
corner



Thabo grew up on a farm with his mother, father, brothers and sisters. Everyone helped with the work on the farm, but the truth was that Thabo really didn't like it. He couldn't bear doing the hard farm work under the scorching hot sun every day.

Thabo's father, on the other hand, enjoyed the hard work and loved the farm. He could not understand Thabo's rebellious spirit. One day, after a heated argument between father and son, Thabo took what little he owned and left the farm to follow his dreams in the city.



Many years went by and Thabo began to feel a deep longing for his family, especially his father. He regretted the way he had left the farm and longed to make peace with his loved ones. But the fear of facing his father paralysed him.

Although Thabo searched and searched for advice on how to mend his relationship with his father, none of the ideas he heard gave him the confidence to return to the farm to face his father.

One day, Thabo's friend said, "Have you heard of the wise man who lives in a flat only a kilometre from the city centre? Apparently, he has special knowledge and mystical powers."

"Thank you!" said Thabo. "Maybe he can give me advice on how to regain my father's favour."

The next day Thabo visited the wise man. He poured his heart out, sharing his regrets and his earnest desire to reconcile with his father.

The wise man listened attentively to Thabo's story and then he said, "To fix what seems unfixable, you must embark on an exceptional quest. It will not be easy, but there is a way to succeed. Your task is to bring me a lion's whisker plucked by your very own hand. You must do this while the lion is awake. There is no other way."

Thabo's heart sank at the thought of what he had to do. "I have to pluck a lion's whisker while it is awake!" Thabo cried to his friend. "The task seems impossible!"

"You can do it!" his friend assured him.

Although the thought of the task filled Thabo with dread, his longing to make amends with his father burned brighter than his fear. So, early one morning, Thabo set off on his quest.


He left the city and found a place to stay in a small village on the edge of a nature reserve. From there he sought out a lone male lion. Eventually, he found a cave and saw a lion inside.

Next came the task of gaining the lion's trust. Each day, while keeping a safe distance, Thabo whispered soothing words into the wind. He watched and learnt the lion's habits, what it liked and disliked and the moments when it seemed less tense.

Then Thabo came up with a plan. Every day, he carried a carefully wrapped piece of fresh meat with him. When he saw the lion, Thabo laid the meat on a rock, making sure that the lion saw that the gift was from him.

In the beginning, the lion responded with fierce growls that echoed through the wilderness. Nevertheless, Thabo persevered, returning day after day with meat and soothing words.

Eventually, the lion's growls grew softer. He also allowed Thabo to come closer and closer until Thabo placed the meat within reach of the lion's mighty jaws. Finally, and with trembling hands, Thabo carefully plucked one of the lion's whiskers.



With the lion's whisker firmly in his grasp, Thabo returned to the wise man. With great humility and gratitude Thabo handed over the precious whisker. He sat back, waiting for the wise man to begin a ritual with the whisker. Instead, the wise man tossed the whisker into the crackling fire without a word!

Thabo was shocked and confused. "Why did you do that?" he gasped. "I risked my life for that whisker!"

The wise man looked at him calmly and replied, "Tell me, Thabo, is it easier to soothe the heart of a lion than that of a beloved father? Does a father not want the affection of his son more than a lion wants meat?"

Thabo felt the truth of the wise man's words in his heart and thanked him for his help. As Thabo walked away, he knew it would be hard work to mend his relationship with his father, but it would all be worth it. He realised that with time, determination and a humble heart he would succeed.

Get story active!

- Draw a picture of a lion. Colour in the picture and put it where your family will see it.
- What do you think Thabo could say to his father? Write a letter from Thabo to his father after his experience with the lion.

- What do you think is better, life on a farm or life in the city? Make a list of five positive things about farm life and five positive things about city life.

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

Nal'ibali fun



1.

Ngaba ungakwazi ukufumana izinto ezisi-8 eyahluke ngazo le mifanekiso mibini?

Find 8 differences between these two pictures.




2.

UNoodle waya kuhambahamba ehlathini. Ungamnceda afike ekhaya kuBella ekhuselekile?

Noodle went for a walk in the forest. Can you help him get home safely to Bella?



Qala Start



Gqiba Finish



3.

Dlalani umdlalo wokubalisa ibali apho umntu ngamnye eqeleni abalisa inxenye yebali.

Play a storytelling game where each person in a group tells a part of the story.

Ukulungiselela umdlalo, khetha iithoyi ezintlanu okanye izinto uze uzifake engxoweni ongaboni ngaphakathi kuyo.

- Hlalisa wonke umntu eqeleni kwisangqa.
- Nika umntu oza kuqala ibali ingxowa aze akhuphe into ibenye engxoweni engajonganga.
- Kufuneka aqale ibali ngokuthi *Kudaladala* ... aze aqale ibali esebenzisa into ayikhuphe engxoweni.
Umzekelo: Ukuba ukhuphe isitshixo engxoweni, angathi: *Kudaladala, kwakukho indoda eyayisisityebi eyatshixela igolide yayo kwisefu enkulu yentsimbi ... yasilahla isitshixo sesefu ... Yathi yakukhangela phantsi kwebhedhi yayo ...*
- Gqithisela ingxowa kumntu olandelayo ukuqhuba ibali ade abe wonke umntu ufumene ithuba.



To prepare for the game, choose five toys or objects and put them in a bag that you cannot see through.

- Let everyone in the group sit in a circle.
- Give the bag to the person who will start the story and have them pull one object from the bag without looking into it.
- They should then start the story with *Once upon a time* ... and set up the story using the object that they pulled from the bag.
For example: If they pulled a key out of the bag, they could say: *Once upon a time, there was a very rich man who locked up his gold in a big iron safe ... he lost the key to the safe ... When he looked under his bed ...*
- Pass the bag to the next person to continue the story until each person has had a turn.



AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:



Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by ZabeNguni Media. Nal'ibali character illustrations by Rico.



Drive your imagination

UMLAZI
EYETHU

POLOKWANE
OBSERVER